UMTETELI WA BANTU, JOHANNESBURG, 8TH NOVEMBER, 1924.

# Singu-Ndabamlonyeni !

## (Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Bati zilapa into zo Rubusana
Nezo Jabavu, ziso kuqubisana
Zitshiseni ngoxolo zidangale
Xa sifa bekona hai ke kulungile.

Kunjani namhla singu ndabamlonyeni
Ibhaibhil' ekoyo ikuti eziqwini
Yabonani mako wetu sibadala
Lamagwangqa asiginya kwakudala.

Gquba kube mdaka Mdaka we Afrika
Njengo Moses epuma e Jiputa
Ungamlibali yena ose Nyangweni
Nakuba kodwa kubuhlungu emntwini

Singu ndabamlonyeni kwezinye izizwe
Ziyashumayezana zigqib' ilizwe
Ngenene zasingxongxisa ezimhlope
Zayintsimbi edla tiya ngokumhlope.

Lomhlaba i Afrika ngumhlaba wetu
Seyela kwisiziba ngobudenge betu
Bika ezondaba ziye e Bhakubha
Ndiyeke ukubonga avele oka Mbha.

Kuba ngenyani singu ndabamlonyeni
Amadlagusha akasalali ndlwini
Abhodla ngogodluma ayagayisa
Zilo zini ezi zituka ama Xosa.

Lomhlaba i Afrika ngumhlaba wetu
Besiduda sixentsa nobawo betu
Angakohliseki Hoze nga Nqanawe
Kaloku lihleli ele Zulu i Tshawe.

Mabhubhe siduli obhubha siduli
Kwizwe lonke lipela Ncincilili !
Nantshutshiso yenziwayo Siyavuma
Niqwelile nihonanje Siyavuma.

Kanti nene nene beza kutshutshisa
Nge bhaibhile zabo beza kunyelisa
Safika sonke tina mzi ka Ngqika
Singayiboni nalo ntsimbi yomxaka.

Asivi ngandaba sibona ngamehlo
Azi batini bona abanamehlo
Izwe selimfusa ayawa amag'ora
Izwe lobawo namhla lizingxondora.

Baduda benetemba lezi Bhalo
Lahlani pantsi eyenu imibhalo
Namhlanje sesifana nezimumu
Izwe lo bawo ligquma zinkenunu.

Mhla bafika kwakuyole de kwancama
Namawonga akowetu aswancama
Sakubona nalemfundo beze nayo
Ndifungu Ndlambe no bawo 'ndizalayo

Taru! !